ISS | INSTITUTE FOR SECURITY STUDIES

# Amapolisa angawasebenzisa xa kutheni amandla?

Umthetho wezobuPolisa uya kuvumela ukusetyenziswa kwamandla ngamapolisa:

- xa ezikhusela
- xa esetsha umntu okanye indawo
- xa ebamba umntu
- xa efuna ukoyisa ukwala ukubanjwa
- xa ekhusela abantu
- xa enqanda umntu angabaleki
- xa ethintela ukonakaliswa kwempahla
- xa echitha izihlwele

Amapolisa kuvumeleke ukuba asebenzise awona mandla afanelekileyo angephi kwezo meko, kwaye kufuneka akwazi **ukukuthethelela enkundleni ukusebenzisa kwawo amandla**.

---

Ukusetyenziswa kwamandla angeyomfuneko kungakhokelela **ekuthatyathweni kwamanyathelo** oluleko okanye isohlwayo solwaphulo-mthetho.

---

**Akuvunyelwanga** ukusetyenziswa kwamandla ngenjongo yokusongela okanye yokohlwaya umntu obanjiweyo okanye anyenzeliswe ukuba aphendule imibuzo.

---

Ukusetyenziswa kwamandla abulalayo kusemthethweni kuphela **xa kungekho ezinye iindlela** naxa umntu lowo ebonakalisa ubundlobongela obugqithisileyo.